Isalathiso: 20210621-3860
Inombolo yefayili.: 12/2/8/13
Imibuzo: L Momberg

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0004/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeziFundo bezifundo ze-*Economics, Accounting, Mathematics* neze-*Life Orientation*, nakwiiNqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 10 ukuya ku-12

**Isihloko: UKhuphiswano lweNtetho i-*Financial Sector Conduct Authority's Interprovincial Financial Literacy Speech Competition***

1. I-*Financial Sector Conduct Authority (FSCA)*, ngentsebenziswano neSebe leMfundo leNtshona Koloni, icela izikolo ukuba zingenele uKhuphiswano lweNtetho eCwangcisiweyo engoLwazi ngezeMali oluPhakathi kwamaPhondo i-*2021 Interprovincial Financial Literacy Speech Competition*.

2. Kusebenza ezi mfuno zimiselweyo zilandelayo zokungenela olu Khuphiswano *lweNtetho* eCwangcisiweyo engoLwazi ngezeMali oluPhakathi kwamaPhondo:

    - Abafundi beBakala 11 abenza izifundo zecandelo le-Business, le-Commerce nele- Management, i-Business Studies, i- Economics ne-Accounting.
    - Abafundi mabenze intetho yabo ngesiNgesi.
    - Abathathi-nxaxheba mababe ngabasuka kwizikolo zamanqanaba entlupheko 1, 2 no-3.
    - Bonke abathathi-nxaxheba mababe nootitshala abakhethelwe ukuba babaqeqeshe kukhuphiswano luphela.
    - Uthatho-nxaxheba luxhomekeke kwimvume esuka kwinqununu yesikolo kwakunye nakubazali babafundi okanye kubagadi babafundi abasemthethweni.

3. Abafundi abathatha inxaxheba baya kufuneka ukuba baphande ngokuphangaleleyo yaye benze intetho yemizuzu emihlanu kwesinye sezihloko zolwazi ngezemali ezithathu, njengoko kuchaziweyo kumgaqo-sikhokelo wokhuphiswano i-*FSCA Speech Competition Framework* (**isiHlomelo A**). Abafundi baya kwenza intetho ekwenziwe uphando ngayo kumjikelo wokhuphiswano ngamnye.

4. Abathathi-nxaxheba kufuneka basayine amaphetshana okunika imvume yokuthathwa kwefoto neevidiyo zabo ukwenzela ukuba amagama neefoto zabo arekhodwe ngeenjongo zentengiso (*marketing*) nokulungiselela ukunika ingxelo.

5. Olu khuphiswano luya kuqhutywa ngemijikelo emine yaye ichaziwe imihla esikiweyo ngomjikelo ngamnye, o.k.t.:
   - UMjikelo 1 – Yimijikelo yokukhiqana yezikolo, equkunjelwa ungadlulanga owe-13 Agasti 2021
   - UMjikelo 2 – Yimijikelo yokukhiqana yezithili, equkunjelwa ungadlulanga owe-03 Septemba 2021
   - UMjikelo 3 – Ngumjikelo wephondo, oqukunjelwa ungadlulanga owe-23 Septemba 2021
   - NguMjikelo 4 – Lukhuphiswano lokugqibela lukazwelonke, ungadlulanga owe-15 Oktobha 2021

   Kucelwa kujongwe **kwisiHlomelo A** (Ikhasi 4 & no-7) ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu.

6. Amabhaso

| | **Imijikelo** | **Amabhaso** |
|---|---|---|
| **1** | **Imijikelo yokukhiqana yezikolo** | • Bonke abathathi-nxaxheba baya kunikwa isatifikethi i-*digital certificate of participation*<br>• Amabhaso enkuthazo angoko nangoko (idatha neevawutsha) |
| **2** | **Imijikelo yokukhiqana yezithili** | • Izatifikethi ezibhalwe amagama abathathi-nxaxheba<br>• Iimbasa zabafundi abathathu abaphumelele emagqabini<br>• Bonke abaphumeleleyo baya kufumana ithablethi enoqhagamshelwano lwe-intanethi |
| **3** | **Umjikelo wephondo** | • Izatifikethi ezibhalwe amagama abathathi-nxaxheba<br>• Ophumelele emagqabini: Ufumana ibhaso elixabisa i-R30 000<br>• Umfundi ophume isibini: Libhaso elixabisa i-R15 000<br>• Umfundi ophume isithathu: Libhaso elixabisa i-R7 500 |
| | | • Izikolo zabafundi abathathu abatshatsheleyo<br>- Ophumelele emagqabini: Ufumana ibhaso elixabisa i-R30 000<br>- Umfundi ophume isibini: Libhaso elixabisa i-R15 000<br>- Umfundi ophume isithathu: Libhaso elixabisa i-R7 500 |
| **4** | **Umjikelo kazwelonke** | • Izatifikethi ezibhalwe amagama abathathi-nxaxheba<br>• Abafundi abathathu abatshatsheleyo<br>- Ophumelele emagqabini: Ufumana ibhaso elixabisa i-R30 000<br>- Umfundi ophume isibini: Libhaso elixabisa i-R15 000 |

| | Imijikelo | Amabhaso |
|---|---|---|
| | | - Umfundi ophume isithathu: Libhaso elixabisa i-R7 500<br>- Iindebe<br>- Ziibhasari eziphele leyo zamabanga emfundo eminyaka emithathu kwiyunivesithi kawonkewonke |

- Amabhaso abafundi abathathu abatshatsheleyo kwiphondo nabaphumeleleyo kuzwelonke ngawotyalo-mali (investment prizes) yaye akusayi kukhutshwa mali. Ingcebiso ngezocwangciso-mali notyalo-mali (*investment and financial planning advice*) iya kunikwa liziko i-*Financial Planning Institute of Southern Africa* (*FPI*).
- Utitshala ngamnye womfundi ngamnye kwabathathu abatshatsheleyo abangenele ukhuphiswano lokugqibela lwephondo uya kufumana isatifikethi esibhalwe amagama abo sokuthatha inxaxheba kunye nevawutsha ye-R1 000.

Makujongwe **kwisiHlomelo A** (ikhasi 9 – 10) ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu ngamabhaso.

7. Izihloko zokhuphiswano lwentetho, ezineenkcazelo kunye neenjongo zesihloko, zikhankanywe **kwisiHlomelo A** (Ikhasi 11). Ezi zihloko zezi:

    - *In* for *a penny, in for a pound: taking care of the Rands and Cents!*
    - Setting *our financial GPS: life-long journey with money.*
    - Choices*: growing my business or someone else's?*

8. Irubrikhi, efakiweyo **kwisiHlomelo A** (kwiKhasi 12 – 15), iya kusebenza njengesikhokelo sokugweba yaye kufuneka inikwe ingqwalaselo ngethuba lenkqubo yokulungiselela ukwenza intetho.

9. Imibuzo ngokhuphiswano lwentetho mayithunyelwe kubacebisi ngezifundo bezithili kwizifundo ze-*Accounting*, *Business Studies* okanye i-*Economics*.

10. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabafundi beBakala 11 bezifundo i-*Accounting*, *Business Studies* kunye neze-*Economics*.

**ISAYINWE:** NGU- H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2021-06-25